REPUBLIC OF SOUTH AFRICA
GOVERNMENT EMPLOYEES PENSION FUND

Umhla woku-1 kuSeptemba 2011

Mdli-mhlala-phantsi oxabisekileyo,

Ukutshintshwa kweZatifiketi zoBomi ngenkqubo yokuQinisekiswa koBomi Ngokuzenzekelayo (i-ALV) ukusukela ngomhla woku-1 kuOktobha 2011

IBhodi yamaTrasti yeNgxowa-Mali yoMhlala-phantsi yaBaqeshwa bakaRhulumente (i-GEPF) igxininise ukutshintshwa kokukhutshwa ngezandla kweZatifiketi zoBomi kubadli-mhlala-phantsi abahlala eMzantsi Afrika ukuze zibuyiselwe ngohlaziyo oluzenzekelayo lobume bobomi ukusukela ngomhla woku-1 kuOktobha 2011. Oku kuhambelana nenjongo ye-GEPF yokuqinisekisa ukuhanjiswa kwezibonelelo ngexesha nangempumelelo.

Inkqubo entsha kuya kuthiwa yeyokuQinisekiswa koBomi Ngokuzenzekelayo kwaye iya kuqinisekisa ubume bobomi bomdli-mhlala-phantsi ngokuhambiselana neSebe leMicimbi yezaseKhaya (DHA) laseMzantsi Afrika. Abadli-mhlala-phantsi abanesazisi esisemthethweni saseMzantsi Afrika kwaye abahlala eMzantsi Afrika ngokusisigxina abasayi kuphinda bafumane iZatifiketi zoBomi kwi-GEPF. Oku kuthetha ukuba aba badli-mhlala-phantsi akuyi kufuneka ukuba baye ngeenyawo kuMkhomishinali weZifungo ukuya kuqinisekisa ubume bobomi babo ukuze baqhubeke nokufumana ianyuwithi yabo yenyanga zonke.

Abadli-mhlala-phantsi ababeka iintambo bengaphandle bekwimida yaseMzantsi Afrika, kwakunye nabo abanobume babo bungenakuqinisekiswa liSebe leMicimbi yezaseKhaya bonke baya kufumana ifomu entsha eliphepha yokuQinisekiswa koBomi ekusaya kufuneka ukuba izaliswe kwaye iqinisekiswe nguMkhomishinali weZifungo njengenkqubo yangoku yeZatifiketi zoBomi. Bonke abadli-mhlali-phantsi/abamkeli beeanyuwithi abafumana ifomu entsha yoQinisekiswa koBomi baya kufumana ifomu enye kuphela ngonyaka , akukhathaliseki nokuba lingaphi na inani lezibonelelo abazifumanayo.

Zonke iiZatifiketi zoBomi ezi kutshiweyo nezifunyenweyo ngabadli-mhlala-phansti ngaphambi komhla woku-1 kuOktobha 2011 (ngaphambi kokwaziswa kwenkqubo entsha ye-ALV) kusafuneka zibuyiselwe kwi-GEPF ukuze zihlaziywe ukuze ziqhubeke neentlawulo zeanyuwithi ngaphambi komhla ubalulweyo kwiSatifiketi soBomi ngasinye. Ukusilela ukwenza oku kungaba nesiphumo sokunqunyanyiswa kweentlawulo zeanyuwithi.

Ukuba unayo nayiphi na imibuzo, nceda uqhagamshelane nenombolo yamahala yakwa-GEPF e-Call Centre engu-0800 117 669 okanye utyelele eyona ofisi ekufutshane ye-GEPF.

Onyanisekileyo,

Phineas Tjie
IGosa eliyiNtloko yeSigqeba
Government Pensions Administration Agency (GPAA)
(Administering pensions on behalf of the GEPF)